**NguMongameli Dieter F. Uchtdorf**
UMcebisi wesiBini kuBongameli BokuQala



# Ukurhangqwa Ezingalweni Zakhe Ezinobubele

Njengabanye abaninzi, ndikhe ndaphenjelelwa yimisebenzi emihle yobugcisa kunye nomculo. Elinye lalomathuba anjalo kwakuxa ndema phambi komfanekiso obalaseleyo owawenziwe ngumzobi wase-Denmak uFranz Schwarz obizwa *Inyameko Emyezweni.*[1]

Lo mfanekiso umhle kangaka ubonisa uMsindisi eguqe kuMyezo wase Getsemane. Njengokuba Yena ethandaza, ingelosi ima ecaleni kwaKhe, imsonge Yena kwiingalo ezinobubele, impha intuthuzelo, uncedo lwamazulu, kunye nenkxaso.

Ngokubanzi ndiwucingisisa lo mfanekiso, ngokungakumbi intliziyo nengqondo yam zikhukhumala yengachazekiyo imizwa yobuthathaka kunye nombulelo. Ndiyakuva, ngokuncinane, ukuba kwakunjani ukubakhona ngethuba uMsindisi wayeqalisa umsebenzi waKhe omkhulu wasenyameni ngokuthabathela kuYe izono zehlabathi. Ndiyamangaliseka kuthando olungenasiphelo kunye nemfesane uBawo anayo kubantwana baKhe. Ndigutyungelwa ngumbulelo onzulu ngento uNyana ongenasono awayenzela lonke uluntu kunye nam.

### Idini loNyana kaThixo

Unyaka ngamnye ngelixesha sikhumbula yaye sicingisise idini uYesu Krestu awalenzela uluntu lonke.

Awakwenzayo uMsindisi eGetsemane ukuyokutsho eGolgotha esenzela thina kungaphaya kwawam amandla okucinga. Wathabathela kuYe umthwalo wezono zethu yaye wahlawula engunaphakade kunye nebophayo intlawulelo hayi ukwenzela isono soqobo sika-Adam kuphela kodwa kunye nonkwenzela izono zezigidi ngezigidi kwizigidi ngezigidi zemiphefumlo eyakhe yaphila. Eli dini lingunaphade, lingcwele lenza 'nkqu noThixo, unkulunkulu wabo bonke, ukuba angcangcazele ngenxa yentlungu kunye nokuba ophe kuyo yonke intunja, kunye nokunyamekela kumzimba kunye nomoya' (Iimfundiso& neminq. 19: 18).

Wanyamekelela mna
Wanyamekelela wena

Umphefumlo wam uyaphuphumala ngumbulelo xa ndicinga ngentsingiselo enexabiso yelidini. Kundenza ndithobeke ukwazi ukuba bonke abamkela esisipho kunye nokuba bakekelisele iintliziyo zabo ngakuYe bangaxolelwa yaye bangahlanjululwa kwizono zabo, kungakhathaliseki ukuba simnyama kangakanani na isiphako sabo okanye unengcinezelo kangakanani na umthwalo wabo.

Singenziwa singabinachaphaza yaye sibe nyulu kwakhona. Singakwazi ukukhululwa lidini elingunaphakade loMsindisi wethu oyintanda.

### Ngubani Ozakusithuthuzela?

Nangona kungekho nomnye wethu oyakuze abuve ubunzulu boko iNkosi yethu yakunyamekelayo, sonke siyakuba nezizezethu ezimnyama kunye nakrakra iiyure—amaxesha xa sukube iintsokolo neenkxwaleko zethu zingakhangeleka zinkulu kunokuba sinako ukuzithwala. Kuza kubakho amaxesha apho ubunzima kunye nesazela sezono zethu buyakucinezela ngokungenalusizi phezu kwethu.

Nkqu sekunjalo, ukuba siyakuphakamisela iintliziyo zethu eNkosini ngaloo maxesha, ngokuqinisekileyo Yona iyakukwazi yaye iqonde. Yena owasokola ngokungaxhalelanga esakhe isiqu esenzela thina kumyezo kunye nasemnqamlezweni akayi kusishiya singena ntuthuzelo. Yena uyakomeleza, akhuthaze, yaye asikelele thina. Yena uyakusirhangqa kwiingalo zakhe ezinobubele.

Yena uyakuba ngaphezu kunengelosi kuthi.

Yena uyakusiphathela intuthuzelo esikelelekileyo, ukuphiliswa, ithemba, kunye noxolelo.

Ngokuba Yena unguMkhululi wethu.

UMkhululi Wethu

UMsindisi wethu onenceba kunye noThixo wethu osikelelekileyo.

#### ISIKHUMBUZO

1. Umbingeleli owathetha kumngcwabo kaFrans Schwarz wathi "ubugcisa bakhe babuwongwe ngamazulu yaye busulungekile kuneentshumayelo ezininzi" (Emmilie Buchanan-Whitlock, "History of Artists' Lives Gives Greater Context for Exhibit," *Deseret News,* EyoMsintsi 29, 2013, deseretnews.com).

---

### UKUFUNDISA NGALOMYALEZO

Phambi kokuba ufundise, khangela isalathiso soMoya ukuze akuncede uqonde ezona zidingo zikhethekileyo zabo ubafundisayo. Xa usaba izicatshulwa ezisuka kumyalezo kaMongameli Uchtdorf, nika ubungqina boMsindisi kunye nobedini lakhe elikhululayo. Cingisisa ngokubuza abo ubafundisayo ukuba ithetha ntoni intlawulelo Yakhe kubo yaye baye bayiva njani intuthuzelo yeNkosi ngethuba "leeyure ezimnyama kunye nezikrakra zabo."

## ULUTSHA

## Uloyiso ngoYesu Krestu

#### Igama libanjiwe

Ndandinengxaki yokutya ngamandla. Amatyeli wam aphinda-phindiweyo okuxhafuza aphelela kobungonwabisiyo ubunzima besazela, ukudikwa, kunye nokudana Ndaziva ndibuthathaka xa ndandizama ukuyoyisa ingxaki yam.

Kangangexesha elide ndandingayihoyanga inyaniso yokuba intlawulelo yoMsindisi ayisisindisi kuphela kodwa ikwa sikhulula yaye isigqibelelise, kwaye oku kwakungena kumkhuba wam ongagqibelelanga ocacileyo wokutya ngamandla.

Ndagqiba kwelokuba ndizinikele kuMsindisi wam. Ndathandaza. Ndabuvuma ngokunyanisekileyo ubuthathaka bam kunye nesidingo sam sofefe, ndaza emva koko ndacela uBawo oseZulwini andisikelele ngoncedo lwaKhe lwamazulu kusuku olulandelayo. Ngobabusuku ndasiva isiqinisekiso sikaBawo onothando ukuba wayenomnqweno ongenamlinganiselo wokunceda unyana waKhe kunye namandla angenakubuzwa wokufezekisa intando yaKhe.

Ukususela ngobabusuku, ukutya akusena mpembelelo igubungelayo kum. Ndiyazi ukuba uYesu Krestu sisizathu sempumelelo yam. Ngokufanayo nje noPawulos, ndiyafunda ukuba "Ndinokuzenza izinto zonke, ndikulowo undomelezayo, uKristu." ( KwabaseFilipi 4:13). Kwaye ndizama ukungaze ndilibale esinye isifundo esisuka kuPawulos: "Makubulelwe ke kuThixo osinikayo uloyiso olo, ngayo iNkosi yethu uYesu Kristu" (1 KwabaseKorinte 15:57).

## ABANTWANA

## UMsindisi Uya kuThuthuzela Wena

Buza ilungu losapho okanye umhlobo malunga nexesha apho weva ethuthuzelwa yiNkosi. Zama ukucinga ngexesha eyathi iNkosi yakuthuthuzela ngalo. Wena ungazoba umfanekiso wesosenzeko kwaye uwuxhome ngakwibhedi yakho ukwenzela ukuzikhumbuza ngokuba uYesu Krestu uyakusoloko ekhona ukuba akuthuthuzele.

© 2015 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Senguqulelo: 6/14. Inguqulelo ye *First Presidency Message, March 2015.* Xhosa. 12583 774

# Iimpawu zika Yesu Krestu: INyameko kunye noMonde

Ukholo Usapho Uncedo

*Funda ngokuthandaza ezi zinto kwaye ucele ukwazi ukuba ungabelana ngantoni. Ukuqonda kabanzi ubomi neendima zoMsindisi kuza lukhulisa kanjani ukholo lwakho KuYe kwaye kuza kubasikelela kanjani abo ubagadisiweyo ngokubafundisa ngokubandwendwela? Ngenkcukacha ethe vetshe, yiya ku reliefsociety.lds.org*

*Le yinxalenye kuluhlu lwemiyalezo yokundwendwela ufundisa equlethe iimpawu zoMsindisi.*

Umonde usoloko ucingelwa njengophawu oluthuleyo, olungenzinto, kodwa njengoko uMongameli Dieter F. Uchtdorf, uMcebisi wesiBini kuBongameli Bokuqala, watsho, "umonde awukokuyeka kungenzinto, ungekuko nokwahluleka ekwenzeni ngenxa yoloyiko lwethu. Umonde uthetha ukulindela usenza yaye unyamezela. Kona kuthetha ukuhlala nento . . . nkqu naxa iminqweno yeentliziyo zethu ilibaziseka. Umonde awukokunyamezela nje kuphela; wona ukukunyamezela kakuhle!"

Kubomi bethu obuphambi kobu, uBawo wethu oseZulwini walungisa icebo esenzela thina—bantwana baKhe bomoya kwaye sadanduluka luvuyo kulo ithuba lokuza emhlabeni (bona Yobhi 38:7). Njengokuba sikhetha ukungqamanisa intando yethu neyaKhe ngethuba lobom bethu basemhlabeni,Yena "uyakwenza isixhobo ngathi [thina]kuzo [ezaKhe] izandla kulo usindiso lwemiphefumlo emininzi" (Alma 17:11).

UMongameli Uchtdorf waqhubekeka, "Umonde uthetha ukwamkela oko kungena kutshintshwa yaye ujongene nako ngenkalipho, ngofefe, kunye nokholo. Wona uthetha ukuba 'avume ukuzithoba kuzo zonke izinto iNkosi ebona kumlungele ukuba [isi] hlungise ngazo, nanjengokuba umntwana ezithoba kuyise (Mozaya 3:19). Ekugqibeleni, umonde uthetha ukuba 'ungagungqi kwaye uzinze, kwaye ungashenxi ekuyigcineni imiyalelo yeNkosi [1 Nifayi 2:10] ngayo yonke iyure yayo yonke imihla, nkqu xa kunzima ukwenza njalo."[1]

### IziBhalo Ezongezelelweyo

Iindumiso 40:1; KumaGalati 5:22–23; 2 Petros 1:6; Alma 17:11

### Okuvela kwiZibhalo eziNgcwele

Izibhalo zisixelela ukuba kubomi bethu basemhlabeni, kufuneka "sibe nomonde kwiinzungu, ngoba [thina siza] kubanazo zibeninzi." UThixo emva koko usinika esisithembiso sithuthuzelayo, "Zinyamezeleni zona, ngokuba ndinani ukuyokutsho kwisiphelo seentsuku zenu" 'Imfundiso & nemiNqophiso' 24:8.

Eli bali lilandelayo leBhayibhile lingumzekelo womonde kunye nokholo.

"Nentokazi eyayinethombo legazi iminyaka elishumi linambini . . . yachukumisa umqukumbelo wengubo [ka Krestu]: leeqoko [layeka] kwangoko ithombo legazi yalo.

"Wathi uYesu . . . ukho ondichukumisileyo: kuba ndiyawazi amandla aphumileyo kum.

"Ithe intokazi leyo yakubona ukuba ayifihlakelanga, yeza igubha, yawa phambi kwakhe, yaxela emehlweni abo bonke abantu ukuba bekungasizathu sini na ebemchukumisile, nokuphiliswa kwayo kwangoko.

"Uthe ke yena kuyo, yomelela ntombi yam, ukholo lwakho lukuphilisile; hamba ngoxolo" (Luka 8:43).

Njengaye, singafumana iintsikelelo kunye nentuthuzelo, kunye nkqu nokuphiliswa, xa sibambelela kuYesu Krestu ontlawulelo yakhe inokusiphilisa.

**ISIKHUMBUZO**

1. Dieter F. Uchtdorf, "Continue in Patience," *Liyahona,* Canzibe 2010, 57, 59.

### Cingisisa Ngoku

Kwinkcazelo eku Luka 8, yavuzwa njani iminyaka yomonde kunye nokholo lwayo kuYesu Krestu lentokazi?

© 2015 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA.
Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Senguqulelo: 6/14. Inguqulelo ye *Visiting Teaching Message, March 2015.* Xhosa. 12583 774.